Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

FEBRUWARI 2018

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UKUVAKALISA NGOKUSHIYWA NGU-CEBAKHULU U-RUDOLPH SMITH

Ukuvakalisa ngokushiywa ngesiquphe ngu-Sodolophu weSigqeba uCebakhulu uRudolph Smith kudale unxunguphalo olukhulu eOverstrand. Usweleke ekuzeni kokusa ngoLwesihlanu umhla we-5 kaJanuwari 2018.

URudolph waba nguCeba weDA eOverstrand ngowama-2009, waza emva koko wabekwa njengoCeba kaWadi 8 ngo-2011.

Ngo-2014 wonyulwa njengoSekela-Sodolophu e-Overstrand wasebenza njengoSihlalo kwipotifoliyo yeeNkonzo zoLuntu nakwiKomiti yoLuleko e-Overstrand. Emva kolonyulo loomasipala ngo-2016, wonyulwa wanguSodolophu weSigqeba kuMasipala waseOverstrand. URudolph Smith wayesisisele senyathi, umgcini-masiko nomlando we-Old Age Member Club eHawston noSihlalo weSchool Governing Body eHermanus High School.

Ekupheleni kukaNovemba wonyaka ophelileyo oogqirha bafumanisa ukuba unethumba elingenabungozi ebuchotsheni. Uqhaqho olwathi lwenziwa ngenzame zokulicudisa lwaba ngunobangela wokusweleka kwakhe. Wanga umphefumlo wakhe ungaphumla ngoxolo.

Imiboniso yasesidlangalaleni ngaBacimimlilo echaza ukulungelana kwabo nexesha lokuqhambuka kwemililo

ABACIMIMLILO NGEXESHA LOQEQESHO: Emfanekisweni ngumcimimlilo uNeil Cloete (emva) kunye noMaxisole Langatye (phambili) - bayaziqhelanisa.

Njengokuba ingqatsini yelanga, umoya nesimosezulu esenza imbalela izizinto esekucacile ukuba siza kuphila nazo ukubheka phambili, imililo yamadlelo iza kuqheleka ngakumbi kulo nyaka.

UMkhosi waBacimimlilo ohlala ulindile wenziwa ngamagosa angabacimimlilo aqeshwe isigxina kuyo yonke immimandla kunye negqiza labacimimlilo abangamavolontiya. Iiseshoni zokuziqhelanisa zenziwa rhoqo ngabacimimlilo ukuze balungelane nesimo sokuqhambuka komlilo, oku kungqinwa sisaci esithi: Isiziba siviwa ngodondolo.

INtloko yabacimimlilo e-Overstrand uLester Smith, ubongoza bonke abahlali kunye neendwendwe ukuba babenenkathalo balumkele iingozi zokuqhambuka komlilo ngawo onke amaxesha.

Ngethuba lombhodamo, nceda uqhagamshelane neCandelo loMlilo, uHlangulo kunye neOfisi yoLawulo lweNtlekele eOverstrand kule nombolo **028 312 2400**. Kwakhona, nika ingxelo ngezenzo ezingaqondakaliyo kwisikhululo samapolisa esikufutshane nawe, okanye utsalele iCandelo lokuNyanzeliswa koMthetho kule nombolo **028 313 8996** okanye kule **028 313 8000/8111**.

UKUBHALISELA UBULUNGU KWITHALA LEENCWADI

Unako ukuba lilungu lethala leencwadi ngaphandle kwentlawulo ngokuthi ugcwalise ifomu yobulungu.

Kufuneka unikezele ngeSazisi esisemthethweni kunye namaphepha anedilesi yendawo ohlala kuyo njengobungqina (okt. ii-akhawunti ozihlawulayo: amanzi, umbane, iimpahla zevenkile, njl.njl) kunye namagama abantu ababini ubuncinane abanokungqina ubunyani beenkcukacha onikezele ngazo.

Ukuba wenzela umntwana ongaphantsi kweminyaka eli-17 ikhadi, kuza kufuneka incwadi yesicelo sakhe uyityikitye ngokwakho uze neSazisi sakhe kwanaso esakho ngokunjalo.

Ukuba uqeshe indawo yokuhlala ngemvumelwano nomasitandi kufuneka uze nephepha lokuqala kuxwebhu enityikitye kulo esi sivumelwano senu. Eli phepha malikhutshelwe ngokufota (okt. malibe yikopi). Ukuba kukho umntu ohlala anaye, lo mntu kufuneka akwenzele ileta ebububungqina, echaza ukuba ngenene uhlala naye.

UBUKHAZI-KHAZI BEZIBANE ZEKRISIMESI ZAYENZA YAQAQAMBA I-KLEINMOND

Lo msitho, nowenziwa rhoqo ngonyaka, waye wavulwa ngokusesikweni ngoMvulo umhla we-11 kuDisemba ngongcwalazi. Njengesiqhelo iitafile zabathengisi zazondlalwe ngokutya okuziintlobo-ntlobo. I- Handevat Marimba Band yathabatha iqonga yatsho ngamaculwana ohlukeneyo eKrisimesi, iingoma zoloyiso kunye namaculo avuselela imixhentso yakudala.

Kwintetho yakhe, uCeba uElnora Gillion, olilungu kwikomiti kasodolophu ejongene noPhuhliso loQoqosho lwaseKhaya, wacela uluntu ukuba ze lulawulwe ngumoya wokwenzelana ubuhle nothando ngeli xesha leeholide. "Njengokuba sibhiyozela ukuzalwa kweNkosi yethu, ndithandazela ukuba ngaphakathi kuni kuvuseleleke uthando nethemba. Uxolo nokwenzelelana izinto ezintle phakathi kwenu nabo basenyongweni".

Abahlali neendwendwe bakhuthazwa ngokuphindaphinda ukuba babenombulelo ngobomi babo, babeneenkumbulo ngezinto ezigqithileyo babenethemba lekamva eliqaqambileyo.

"Masingaxakekiswa zizinto ezingenamsebenzi ze ngokwenza njalo silibale ukuba sisebomini, masonwabe", watsho esongezelela kwitetho yakhe.

Le mibhiyozo ifikelele esiphelweni ngokuthi uCeba uFanie Krige enze ilizwi lombulelo kubaququzeleli, koonovenkile nakubahlali ngenkxaso nentsebenziswano yabo.

"Holide eMnandi! Iminqweno emihle kuwe nosapho lwakho ngale Krisimesi," watsho uFanie Krige.

KuMbhiyozo 'Wokuqhakaziswa kweZibane zeKrismesi eDolophini' ngoMvulo umhla we-11 kaDisemba 2017 kubonakala emfanekisweni aba balandelayo (ukususela kwisandla sasekhohlo): nguMphathi kuMmandla waseOverstrand: ukwiiOfisi zoLawulo eKleinmond - nguDesmond Lakey, uMphathi-theko ngobusuku bangalo mhla noMabhalana oyiNtloko: kwiCandelo leeRekhodi - nguDencil Arendse, uCeba kaWadi 9 -nguGrant Cohen, olilungu kwiKomiti kaSodolophu ejongene noPhuhliso loQoqosho kunye noKhenketho - nguCeba Elnora Gillion, onguMphathi kwiSebe leZokhenketho: nguFrieda Lloyd weCape Whale Coast, nguMphathi kwiSebe leZokhenketho: eHangklip-Kleinmond - nguAnecia Abrahams noFanie Krige onguCeba kaWadi 10 .

ISAZISO ESITSHA NGEQONDO LOKU-I LOKUCUTHELWA IMFUNEKO YAMANZI E-HERMANUS

Ekupheleni kwenyanga kaDisemba ngo-2017 iqondo lamanzi e-De Bos Dam laliyi-56.7% xa kuthelekiswa ne-62.9% ekupheleni koNovemba ngo-2017, kunye ne-87.9% ekupheleni koDisemba ngo-2016. UMmandla waseHermanus wawunomthamo oyi-3.2mm wamanzi emvula ngoDisemba ka2017, loo nto yenze ukuba umthamo opheleleyo wamanzi ngo-2017 ufikelele kwi-502.9 mm, xa kuthelekiswa ne-avareji ye-620 mm yemvula enetha amaxesha amade ngonyaka. Umndilili wamanzi athe ayimfuneko ngosuku eHermanus ngoDisemba ka-2017 yayizizigidi eziyi-13.0 zeelitha, xa kuthelekiswa nezigidi eziyi-15.98 zeelitha ngosuku ngoDisemba ka-2016. Oko kukuthi zizigidi eziyi-18.6%, okanye izigidi eziyi-92.1 zeelitha zamanzi ezathi zalondolozeka ngoDisemba xa kuthelekiswa nonyaka ophelileyo. Ukuthathwa koxanduva ngabantu baseHermanus ekulondolozeni amanzi nentsebenziswano yabo ekucuthelweni imfuneko yamanzi kuyancomeka kakhulu. I-Buffels River Dam ethumela amanzi eRooi-Els, ePringle Bay naseBettiesbaai, inomthamo oyi-93%, iKraaibosch Dam eGansbaai inomthamo oyi-91.6%, ze yona iPearly Beach Dam ibenomthamo oyi-85%. Izitsalamanzi ngaphantsi komhlaba ezithumela amanzi eHermanus, eStanford, eBaardskeerdersbos naseBuffeljagsbaai azichatshazelwanga ngokumandla yimbalela kwesi sigaba. UMasipala wase-Overstrand ubeke iliso, kunjalo nje uyalusile le meko kuzo zonke iindawo ezinemithombo yamanzi. Imiqathango eyongezelelweyo iya kufakwa xa kukho imfuneko.

Kufuneka sincedisane noMasipala kuliwe umkhuba wokulahla inkunkuma kwiipaki nakumabala eendibano zoluntu ngokungekho mthethweni e-Overstrand.

Nceda ufunde ngezantsi apha uluhlu lwamaziko apho kuvumelekileyo ukuba uluntu lungalahla inkunkuma ngaphandle kwentlawulo. Qaphela, amagcuntswana amatye nezitena eziqhekekileyo zokwakha ezilingana netoni enye ngobunzima (ibhaki egcweleyo) nengca enokhula, izinto ezinobungozi, umz. amachiza, i-asbestos, izinto ezibukhali njl.njl nazo zingalahlwa kula maziko. Kungenjalo ungahlawuliswa ngokulahla inkunkuma ukuba ubunzima bayo bugqithisile kwaye ixubene ngendlela engafunekiyo. Kuvumelekile ukuba amatye nezitena eziqhekekileyo ezinobunzima obungaphezulu kwetoni zingalahlwa kwiNdawo yenkunkuma eKarwyderskraal.lindwendwe ezifika ngempelaveki ziyacelwa ukuba zisebenzise amaziko agcina inkunkuma eza kuthathwa ngumasipala xa zilahla inkunkuma yasendlini. La maziko agcina inkunkuma eza kuthathwa ngumasipala ayavula ngeentsuku zeveki ngala maxesha (08:00 - 18:00) nangoMgqibelo ngala maxesha (09:00 - 16:00)

Khumbula indawo nexesha onokuthi ulahle ngalo inkunkuma eqhelekileyo:

UKUSHIYA	I|NTSUKU	AMAXESHA
■ eKLEINMOND: eKLEINMOND TRANSFER STATION, MAIN ROAD		
eKleinmond Transfer Station	ngoMvulo - ngoLwesihlanu	07:30 - 18:00
	ngeempelaveki	07:30 - 16:30
	& iiholide zikawonkewonke	
eBetty's Bay Drop-off	ngoMvulo - ngoLwesihlanu	08:00 - 16:00
■ eHERMANUS: eHERMANUSTRANSFER STATION, SWARTDAM ROAD		
eHermanus Transfer Station	ngoMvulo - ngoLwesihlanu	08:00 - 18:00
	uMgqibelo	09:00 - 16:00
	iiholide zikawonkewonke	09:00 - 14:00
eVoëlklip Drop-off	ngoMvulo	08:00 - 16:00
	ngoLwesibini - ngoLwesihlanu	08:00 - 18:00
	uMgqibelo	09:00 - 16:00
	iiholide zikawonkewonke	09:00 - 14:00
eHawston Drop-off	ngoMvulo - ngoLwesihlanu	08:00 - 18:00
	uMgqibelo	09:00 - 16:00
	iiholide zikawonkewonke	09:00 - 14:00
■ eSTANFORD: eSTANFORD DROP-OFF, RIVIER STREET, INDUSTRIAL AREA		
eStanford Drop-off	ngoMvulo - ngoLwesihlanu	08:00 - 17:00
	ngoMgqibelo nageeholide zoluntu	09:00 - 14:00
■ eGANSBAAI: eGANSBAAI LANDFILL, VOORTREKKER STREET		
eGansbaai Landfill	ngoMvulo - ngoLwesihlanu	08:00 - 18:00
	uMgqibelo - holide zikawonkewonke	08:00 - 16:00
ePearly Beach Drop-off	ngoMvulo - ngoLwesihlanu	08:00 - 17:00
	ngoMgqibelo nageeholide zoluntu	09:00 - 14:00

Njengenxalenye yokuqhelanisa abahlali nale nkqubo, kwabekwa iikhonteyina ezongezelelweyo zokulahla inkunkuma ngoncedo lwenkampani yakwaSkip kwiindawo ezifikelelekayo eFranskraal (eRossouw Street), eKleinbaai (ePerlemoen Street), eBlompark (eKampeerweg) naseMasakhane. Oku kwakuza kukhawulelana nabachithi-holide abangenandawo yokulahla inkunkuma KWIINDAWO ABAHLALA KUZO ngeentsuku namaxesha amiselwe ukwenza njalo.

Ngobusuku bangoLwesihlanu umhla we-9 kuFebruwari IZIKO NGEZOBUGCISA E-OVERSTRAND (I-OAK) liza kubanekonsathi apho iingcali kwezobugcisa ziza kukhwela eqongeni kumnyhadala oza kubanjelwa kwiOdithoriyam yoLuntu eHermanus. **UNikolaas Kende** (kwipiyano) **noJolente De Maeyer** (kwifidyoli) abasuka eAntwerp kwilizwe laseBelgium bazibalule ngokuba ziintandane zabathandi bomculo ngenxa yezakhono nobuchule babo ekudlaleni ezi zixhobo zomculo. Baza kudlala iSonata kaFelix Mendelssohn kwi-F Minor, Op. 4 ngefidyoli nepiyano; badlale iRomanza kaLodewijk Mortelmans ngefidyoli nepiyano, badlale iSonata kaRobert Schumann kwi-A minor, Op. 162 - 'Grand Duo' ngefidyoli nepiyano ze bagqibele ngokudlala iSonata No. 9 ka-L. van Beethoven kwi- Major, Op. 47 'Kreutzer'. *Le konsathi iza kuqala ngo 19:00. Umntu uhlawula i-R140 ngetikiti (umntwana wesikolo ama-R60 ngetikiti) ayafumaneka eTourism Office eMitchell Street (inombolo yomnxeba ngu-028 312 2629). Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe* vetshe qhagamshelana noRené du Plooy onguNobhala ngale nombolo 082 940 4238.

I-CASTLE BEACH IFUNYENWE ILILUNGELE INQANABA LE-BLUE FLAG

UMasipala waseOverstrand, ngakumbi lowo uLawula kwiiOfisi zaseGansbaai, uziva exabisekile kwaye uyazingca ngokunikwa iwonga leBlue Flag ngolwandle lwase Pearly Beach. Apha emfanekisweni, nguBenjamin Kondokter oliGosa lokuSingqongileyo, nguMphathi woMmandla: kwiiOfisi zoLawulo eGansbaai - nguFrancois Myburgh, weHorticulturistand nomququzeleli weBlue Flag - nguLauren Rainbird, onguSekela Sodolophu - nguDudley Coetzee neendewendwe ezithile, bazonwabele elwandle ngolu suku.

Lixa lesibini ulwandle lwaseGrotto, eHawston naseKleinmond efikelela kwinqanaba lokunikwa i-Blue Flag - kodwa ngoku i-Castle Beach nePearly Beach nazo zifikelele kwinqanaba lokunikwa i-Blue Flag okokuqala ezimbalini! Ixesha ebe lisikelwe i-Castle Beach kukhangelwa ukuba iyafikelela na kwinqanaba lokunikwa i-Blue Flag liza kuphela ngomhla we-15 kuJanuwari 2018. Akulindelekanga ukuba amalwandle aphantsi kwabahloli anelise yonke imiqathango yokufikelela kwinqanaba lokunikwa i-Blue Flag, okufunekayo kukuba amanzi awo acoceke, kwenziwe izifundo nolwazi ngokusingqongileyo, kumiselwe ulawulo lwamandle neendawo ezigudle unxweme, kuziswe iinkonzo ezifunekayo nokhuseleko kwisithuba esinganeno kweminyaka emibini ukuze ngokwenza njalo nawo afikelele kwinqanaba lokunikwa i-Blue Flag. Ekuhambeni konyaka isayithi yeBlue Flag nganye inyanzelekile ukuba yenze iindibano ezifundisa ngokusingqongileyo, nokumisela ulawulo lolondolozo lwendalo olungqingqwa. Ukutshila ngesi sidanga kumiselwe ixesha elithile kwaye eli wonga lingohluthwa ukuba umgangatho wococeko nolondolozo lwendalo elwandle uyehla. Ukufikelela kwinqanaba lokunikwa i-Blue Flag kulwandle lwaseGrotto kuqale ngomhla woku-1 kuDisemba kwaye kuza kuhlala ngolo hlobo de kufike umhla wama-31 kuMatshi 2018. Kwimeko yaseHawston naseKleinmond, eli nqanaba lokunikwa i-Blue Flag liza kuhlala de kufike umhla we-15 kuJanuwari 2018. Mayiqatshelwe into yokuba phakathi kwexesha elimiselwe i-Blue Flag izilwanyana zasekhaya azivumelekanga kula malwandle, kwaye ukusela nokuphatha utywala akuvumelekanga kwiindawo zeendibano zoluntu, naselwandle ngokunjalo. Kumalwandle akhankanyiweyo iinkonzo zokhuseleko nokuhlangula ubomi ziza kusebenza ngamandla ngeli xesha leeholide zehlobo, kungokunjalo nakumaqula okuqubha, apha sibala elo liseHawston (ecaleni kwesayithi yokugxumeka iintete) naseHermanus (eZwelihle).

ABAHLANGULI BAQEQESHWE NGEMPUMELELO

Inkqubo yohlangulo ngendlela ehlanganisiweyo iqalise ukusebenza eFernkloof Nature Reserve ngoDisemba ukuze kugxilwe ngakumbi kwizakhono zokukhangela nokuxhobisa amaqela ohlangulo ngobugcisa. Ngokutsho kukaAngelo Aplon, iSekela-Ntloko kwiZiko laBacimimlilo: Imisebenzi eyenziwayo noQeqesho, oku kukhangela nokuhlangula kwakungeyonyani koko yayiluqeqesho lokuziqhelanisa okusekelwe kwisehlo sangaphambili ekulindelekileyo ukuba singenzeka kwakhona. "Oku kuziqhelanisa yindlela yokuqiniseka ukuba istafu namavolontiya kuwo wonke lo mmandla waseOverberg kwiinkonzo zokukhangela nokuhlangula bayalazi uxanduva lwabo noko kulindelekileyo kubo ngexesha lentlekele", wongeza ngelitshoyo. ABacimimlilo eOverstrand, Amagosa okuSingqongileyo, Amagosa oNyanzeliso-Mthetho - aquka amalungu eQela eliKhethekileyo - neeNkonzo zoNyango ngethuba lokuXakeka kwiPhondo lwNtshona Koloni neNSRI Station 17 eHermanus bathabatha inxaxheba ngempumelelo kumsebenzi wokuhlangula.

Iinombolo zomnxeba ngexesha lombhodamo/lokuxakeka

Nayiphi na imeko yokuxakeka kunye/okanye ukufuna uncedo malunga nokutshona emanzini okanye ingozi ingathunyelwa kwi-Ofisi ye24-hour Emergency kaMasipala ngale nombolo 028 312 2400.

Ukuze unike ingxelo ngezikhalazo eziqhelekileyo zonyazeliso-thetho sebenzisa le nombolo 028 313 8996.

Imibuzo gabalala mayithunyelwe kwi-Control Room kaMasipala eOverstrand ngokusebenzisa le nombolo 028 313 8000/8111.

Inombolo yeNSRI ithi: 082 990 5967

Inombolo yeNQWELO YEZIGULANE KUMAZIKO ABUCALA ithi: 076 585 0899

Inombolo yeNQWELO YEZIGULANE EPHONDWENI ithi: 028 312 3219

ABAHLALI BALISABELE IKHWELO

UMasipala wase-Overstrand ubulela bonke abahlali baseOverstrand ngokusebenzisana naye ngexesha leeholide zehlobo xa wayehlabe ukhwelo lokuba bangazisebenzisi izitakantlantsi ngexesha lokubhiyozela iiholide zehlobo ngakumbi ngobusuku bokubhiyozela ukungena konyaka omtsha. Izitakantlantsi zazivalwe ngokusemthethweni ukuze zingasetyenziswa e-Overstrand ngeli xesha lasehlotyeni njengokuba imbalela yayinokudala ukuqhambuka kwemililo enobungozi. Izenzo ezigwenxa nezothuso ezi-phazamisayo zazimbalwa kakhulu. ICandelo lolawulo kwiiNkonzo zoKhuseleko lakhupha ingxelo yokuba imibhiyozo yokungena konyaka omtsha 'yaqhuba kakuhle' labulela abahlali ngetsebenziswano yabo eyaqinisekisa ukuba ukhuseleko lukho kuwowonke lommandla wethu.